



Nalibali

It starts with a story...

Making good use of your library

When you were growing up did you have a library at your school or near your home that you visited regularly? And, what experiences of using the library are you offering your children now? In South Africa, far too many people still do not have access to libraries but those of us who do, have a wonderful resource to draw on and to expose our children to. Here are some opportunities that libraries offer your children:

- ★ The more books that children read, the better readers they become so they need lots of books! Most libraries stock information and fiction books as well as magazines and study guides in their special children's and teen sections. We all know that books are expensive and libraries offer a wider variety of reading material than we could ever own – and it is free!
- ★ Many libraries have reading material in more than one South African language. Choose books in home language/s to share inspiring stories and to develop your children's concepts and knowledge. Remember picture books are also a great way to help learn a new language!
- ★ Weekly or fortnightly trips to the library help your children to have a regular 'date' with books and get them into the habit of reading – something they can enjoy for the rest of their lives!

- ★ Some libraries offer activities especially for children that encourage them to have fun with books. Look out for storytelling times, puppet shows and school holiday programmes at your library and then take your children along to participate.
- ★ Learning how to use the library is an important skill. Encourage your children to ask for help from library staff. Remember, though, that librarians can point out what is available but you may still need to help younger children select from these the books they wish to borrow.
- ★ If you are running a reading club, the library is a great source of reading material – you'll have a constant supply of a wide variety of books and it doesn't cost you a cent! Visit the library regularly to exchange the books you have borrowed for other ones. Remember to teach reading club members to treat library books with extra care so that they can be enjoyed by lots of other people!

Ukusebenzisa ithala leencwadi lakho ngendlela eyiyo

Ingaba ngoko wawuselula lalikho ithala leencwadi kwisikolo sakho okanye kufuphi nendawo ohlala kuyo owawulindwendwela rhoqo? Ngawaphi amava owawafumanayo ngokusebenzisa ithala leencwadi, othi ngoku wabelane ngawo nabantwana bakho? EMzantsi Afrika, basebaninzi kakhulu abantu abangafikelelekiyo kumathala eencwadi, kodwa thina bakwaziyo ukufikelela kuwo, sinovimba omhle esinokwusebenzisa nesinokukrobisa kuwo abantwana bethu. Nanga amanye amathuba anokufunyanwa ngabantwana bakho kumathala eencwadi:

- ★ Ubuninzi beencwadi abazifundayo abantwana bubenza abafundi-zincwadi abangcono, kungoko kufuneka befumene iincwadi ezininzi! Amathala eencwadi amaninzi agcine iincwadi ezibunyani kunye neencwadi ezibuntsoni, iimagazini kunye nezikhokelo zokustadisha kwicandelo lawo elikhethekileyo labantwana abaselula nabo bafikisayo. Sazi kakuhle ukuba iincwadi zixabisa kakhulu kwaye amathala eencwadi anentlaninge yezixhobo zokufunda ukodlula nantoni na esinokuba nayo – kwaye zifumaneka simahla!
- ★ Amathala eencwadi amaninzi anezixhobo zokufunda eziquka iilwimi zoMzantsi Afrika ezahlukeneyo. Khetha iincwadi ezikulwimi lwasekhaya okanye iilwimi zasekhaya ezahlukeneyo ukuze wabelane nabantwana ngamabali akhuthazayo kwaye uphuhlise isigama kwanolwazi lwabantwana bakho. Khumbula kanaanjalo ukuba iincwadi ezinemifanekiso zikwayindlela



info@nalibali.org


egqwesileyo ekufundeni ulwimi olutsha!

- ★ Ukutyelela kwithala leencwadi rhoqo ngeveki okanye ngeveki ezimbini kunceda abantwana bakho ukuba basoloko 'benedinga' neencwadi ukuze benzeke bakuqhele kakuhle ukufunda – nto leyo baya kuthi bayithakazelele ubomi babo bonke!
- ★ Amanye amathala eencwadi anemisetyenzana eyenzelwe abantwana ukuze bakhuthazeke ekonwabeleni iincwadi. Khangela amaxesha okufundwa kwamabali, imiboniso yoonopopi kunye neenkqubo zeholide yesikolo kwithala leencwadi, uze use abantwana bakho ukuze nabo bathathe inxaxheba.
- ★ Ukufunda indlela yokusebenzisa ithala leencwadi sisakhono esibalulekileyo. Khuthaza abantwana bakho ukuba bacele uncedo kubasebenzi bethala leencwadi. Ukhumbule ke kodwa ukuba abasebenzi bethala leencwadi bangabakhombisa abantwana iincwadi ezikhoyo, kodwa kuza kudingeka ukuba ubancede abantwana abaselula ekuchongeni iincwadi abanomdla wokuziboleka phakathi kwezo zikhoyo.
- ★ Ukuba ukhokela iqela elifundayo, ithala leencwadi ngoyena vimba ugqibeleleyo wezixhobo zokufunda – uya kuthi ufumane rhoqo ukuxhaswa ngoluhlu lweencwadi ezahlukeneyo, kwaye akuyi kuhlawula nesenti emdaka! Lindwendwele rhoqo ithala leencwadi ukuze ungenise iincwadi obuzibolekile wandule ukufumana ezinye. Khumbula kanaanjalo ukufundisa amalungu eqela elifundayo ukuphatha ngenkathalo egqithisileyo iincwadi zethala leencwadi, ukuze nabanye abaninzi babe nokuzonwabela!



Drive your imagination

Dreaming big for our children.
It starts with a story...
Sinamaphupha amakhulu
ngabantwana bethu.
Konke kuqala ngebali...





Story stars

Libraries matter



For Letta Machoga, the librarian at Makgatho Primary School in Saulsville, Gauteng, libraries are important because they help to build a culture of reading. We spoke to her to find out more about what it takes to run a library.

“They help the learners to become better readers, and they gain some knowledge,” she says. For Machoga, it is imperative to encourage this culture “because reading is important whether you read for knowledge or fun – it stimulates the brain.”

What are some of the challenges of running a library?

Some children are just not motivated to read and space can be a problem too but our library works at overcoming these challenges by having a library committee that is part of every decision the school makes concerning the library. To encourage the children to read, we have competitions, including Best Reader of the Month. During Readathon Week, we have a contest to see how many books each child can read in just one week. The children have to write a short summary of the books that they have read then we count up how many books each child has read and announce the winners at assembly.

What kind of books do the children read the most?

The younger children always enjoy fairy tales.

How do you encourage adults at your school to also get involved with reading?

We have a book club for the teachers. They get together every second week and chat about the books they have read or are busy reading.

Being a librarian is difficult at times but what makes it all worthwhile for you?

At the end of each day, seeing a smile on the children’s faces and knowing that I have made a difference somehow.



To nominate an individual, organisation or even yourself as a Story Star, visit www.nalibali.org and complete our online nomination form or email your nomination to letters@nalibali.org

Iimbalasane zamabali

Amathala eencwadi alulutho

ULetta Machoga, umsebenzi kwithala leencwadi elikwisikolo samabanga aphantsi iMakgatho Primary School, eSaulsville, eGauteng, ukholelwa kwelokuba amathala eencwadi abalulekile kuba anceda abantwana bakuxabise ukufunda. Sikhe sancokola naye ukuze sazi banzi ngokulawula umsebenzi wethala leencwadi.

“Anceda abafundi babe ngabafundi-zincwadi abangcono, kwaye bazuze ulwazi oluthile,” utshilo. UMachoga, ukubona kubalulekile ukuba kukhuthazwe esi sakhono “kuba ukufunda kubaluleke kakhulu, nokuba ukwenzela ukuzuza ulwazi okanye ukuzonwabisa – kuyayivuselela ingqondo.”

Zeziphi ezinye zezinto ezicela umngeni ekulawulweni kwethala leencwadi?

Abanye abantwana abanawo tu umdla wokufunda, nokungabinandawo yaneleyo kukwayingxaki, kodwa ithala leencwadi lisebenza nzima lizama isisombululo sezi ngxaki, ngokuthi libe nesigqeba sethala leencwadi esithatha inxaxheba kuzo zonke izigqibo zesikolo eziphathelele kwithala leencwadi. Abantwana sibakhuthaza ukuba bafunde ngokuthi sibe neendidi zokhuphiswano, eziquka Umfundi oGqwesileyo eNyangeni. NgeVeki yokhuphiswano lokufunda, iReadathon, siba nokhuphiswano olusibonisa ukuba ingaba umntwana ngamnye angaphumelela ekufundeni iincwadi ezingaphi na ngeveki enye. Kuye kufuneka ukuba abantwana babhale isishwankathelo seencwadi

abazifundileyo ukuze emva koko sibale iincwadi umntwana ngamnye azifundileyo, ze sazise igama labo baphumeleleyo kwiNdawo yeNtlngano yesikolo.

Zeziphi iintlobo zeencwadi ezifundwa kakhulu ngabantwana?

Abantwana abaselula bayazonwabela iintsomi.

Ubakhuthaza njani abantu abadala abakwisikolo sakho ekuzibandakanyeni nokufunda?

Sineqela elifundayo lootitshala. Badibana rhoqo kwiveki yesibini baze bancokole ngezo ncwadi bazifundileyo okanye ezo bazifundayo ngaloo mzuzu.


Kukhangeleka kunzima ukuba ngumsebenzi wethala leencwadi ngamanye amaxesha, ingaba yintoni ekwenza uwuthakazelele wena lo msebenzi?

Ndithi ndakubona uncumo ebusweni babantwana rhoqo kuphela usuku, ndazi mhlophe ukuba kukho umahluko endiwenzileyo ebomini babo.

Ukukhetha umntu othile, umbutho okanye wena buqu njengeMbalasane yeBali, ndwendwela kule dilesi: www.nalibali.org uze ugcalise ifomu yokuchonga yethu yomnathazwe okanye ke uthumele ngeimeyile lowo umchongayo kule dilesi: letters@nalibali.org

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

- | | |
|---|--|
| 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement. | 1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo. |
| 2. Fold it in half along the black dotted line. | 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama. |
| 3. Fold it in half again. | 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona. |
| 4. Cut along the red dotted lines. | 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu. |



Get story active!

After you and your children have read *A good plan*, try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

- Together talk about plans that you or your children might have had in the past that did not work out quite as expected!
- Ask your children to suggest why they think the friends' plan didn't work the first time.

If you have 30 minutes...

- Read the story again but this time stop to talk about each of the pictures with your children. Ask them questions that draw their attention to the details in the pictures. For example, 'what do you think they are drawing?' on page 3; 'how do you think the neighbour is feeling?' on page 8 and 'who do you think she is phoning?' on page 9.

- Say this poem together and make up actions to go with the words:

*Build a house with five bricks
One, two, three, four, five
Put a roof on top
And a chimney too
When the wind blows through...
Whoo, Whoo!*

If you have one hour...

- With your children, write down a plan for something you want to make together. It could be something you bake or cook or something you build, like a 'house' using chairs, blankets and cushions. Together, write down a list of things you will need and let your children draw a picture of what the finished product will look like! Then make it together.

Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde *Icebo Elilungileyo*, zama ezinye zezi mbono.

Ukuba unemizuzu eli-10...

- Wena nabantwana bakho ncokolani ngezicwangciso enikhe nanazo ngaphambili, nezingazange ziphumelele ngokohlobo ebenilindele ngalo!
- Cela abantwana ukuba bachaze ukuba bekutheni ukuze isicwangciso sabahlobo singasebenzi kwityeli lokuqala.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- Lifunde kwakhona ibali kodwa kweli lixa ume ukuze uthethe ngomfanekiso ngamnye kuleyo ikhoyo nabantwana bakho. Babuze imibuzo eza kutsalela ingqiqo yabo kwingxam equlathwe yimifanekiso. Umzekelo, 'ucinga ukuba bazoba ntoni?' kwiphepha lesi-3; 'ucinga ukuba ummelwane uvakalelwa njani?' kwiphepha lesi-8 kwaye 'ucinga ukuba ufonela bani?' kwiphepha le-9.
- Yenzani lo mbongo kunye nize nenze neentshukumo ezihambelana namagama:

*Yakha indlu ngezitena ezihlanu
Inye, zimbini, zintathu, zine, zintlanu
Beka uphahla ngaphezulu
Kunye netshimini
Xa umoya uphephezela...
Vuthu, Vuthu!*

Ukuba uneyure enye...

- Wena nabantwana bakho, bhalani phantsi isicwangciso sento enifuna ukuyenza. Isenokuba yinto oyibhakayo okanye oyiphekayo okanye into oyakhayo, njenge 'ndlu' nisebenzisa izitulo, iingubo neekhushini. Bhalani phantsi kunye uluhlu lwezinto eniza kuzidinga uze ucele abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso obonisa ukuba iza kuba njani le nto xa sele igqityiwe! Emva koko yenzani kunye le nto.

What are they saying?

This picture is from page 2 of *A good plan*. What might each of the friends be saying? Write their words in the speech bubbles.

Bathini?

Lo mfanekiso usuka kwiphepha lesi-2 lencwadi ethi *Icebo Elilungileyo*. Ingaba bethu umhlobo ngamnye uza kube esithini? Bhalama zamzi abo kumaqamza entetho.



Unscramble the words

The letters in these words have got all jumbled up! Put them in the correct order to make words from the story.

sefdrni
f _____
nnpgnlia
p _____
sssicro
s _____
emeusar
m _____
rpuo
p _____
mmrhea
h _____

Hlengahlengisa amagama uwabhale ngokutsha

Bonke oonobumba abakula magama babhalwe ngolandelelwano olugwenxa! Babeke ngokolandelelwano oluchanekileyo ukuze baveze amagama asuka ebalini.

bhalaoob
a _____
bcukea
u _____
siikree
i _____
gnumilaiseoln
i _____
geaall
g _____
liamieh
i _____

Impendulo: abahlobo, ukuceba, isikere, umlinganiselo, galela, hamile

Answers: friends, planning, scissors, measure, pour, hammer



Story corner

Here is a story for you to read-aloud or tell. It is about an excellent but selfish baker, Mr Shabangu.

The smell thief (Part 1)

Retold by Joanne Bloch

Mr Shabangu was the best baker in town. Every morning he woke up at four o'clock to mix and knead the dough for his famous buns, cakes and biscuits. By eight o'clock the people of the town were walking past the bakery on their way to work and school and the most delicious smells wafted out of the bakery's windows. Many of the people went into the bakery to buy their breakfast. Mr Shabangu smiled happily at them as he passed them the fresh, tasty cinnamon buns and warm, golden biscuits that were so famous in the town.

But other people were not so lucky. Because they had so little money, the poorer people of the town could hardly ever afford to buy any of the delicious buns, cakes and biscuits. All they could do, was enjoy the lovely smells that drifted out of the bakery windows. When Mr Shabangu noticed these people sniffing the air near the bakery, it made him furious. 'How dare they sniff my delicious smells!' he said. 'Those are MY smells. If people want to smell my wonderful smells, they should pay for them!' He huffed and puffed and turned back to the oven to bake some bread for his lunchtime customers.

One old woman, Ma Shange, especially loved the smells from the bakery. Ma Shange slept on a bench in the park every night. A few weeks before, a kind person had given her the money to buy a cinnamon bun. She had taken the bun back to the park and eaten it very slowly, smacking her lips and sharing the last crumbs with the birds. After that, the woman who didn't have enough money to buy another bun, walked slowly past Mr Shabangu's bakery every morning, sniffing the air and smiling at the mouth-watering smell.

Ma Shange's new habit made the baker very angry. As each day went by, he grew angrier with her. Finally, one wintry morning when he was in an especially bad mood, he stormed out of his bakery and grabbed the old woman by the arm. 'How dare you steal my smells!' he shouted. 'You're nothing but a smell thief!'

Do you think Mr Shabangu will be able to stop Ma Shange from enjoying the delicious smells? Find out next week!



In your next Nal'ibali supplement:

- How to tell that your child is learning about books and reading
- Story stars: Brain Feed Reading Club
- Mini-book, *Hic...hic...hiccups!*
- The final part of the read-aloud story, *The smell thief*

Need more resources? Nal'ibali is here to help! Visit the resource section on www.nalibali.org for posters, bookmarks, checklists and tip sheets! You can also find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA

Find us on Twitter: @nalibaliSA
Sifumane kuTwitter: @nalibaliSA



Indawo yamabali

Nali ibali lombhaki ogqwesileyo kodwa ocingela isiqu sakhe sodwa, uMnu Shabangu, lifunde ngokuvakalayo ulibalise.

Isela lamavumba (Isigaba 1)

Libaliswe kwakhona nguJoanne Bloch

UMnu Shabangu wayengumbhaki ogqwesileyo edolophini. Rhoqo ngentseni wayevuka ngentsimbi yesine axube aze axove intlama yakhe ukuze enze amaqebengwana, ikeyiki kunye neebhiskithi zakhe ezibalaseleyo. Ngentsimbi yesibhozo, abantu babedlula kwivenkile yakhe yokubhaka xa besiya emsebenzini nasesikolweni, kwaye babesiva ivumba elimnandi elaliphuma kwiifestile zevenkile yokubhaka. Uninzi lwabantu lwalusiya apho evenkileni yokubhaka ukuze bathenge isidlo sabo sakusasa. UMnu Shabangu wayebancumela ngovuyo ngeli lixa ebanika amaqebengwana anesinamoni, asandul'ukubhakwa ashushu, neebhiskithi ezishushu ezimthubi nezazidume kakhulu kuloo dolophu.

Kodwa ke abanye abantu babengenalo eli thamsanqa, kuba babenemali encinci. Abantu abahlelekileyo bale dolophu babengakwazi ukuwathenga kwaloo maqebengwana, ikeyiki neebhiskithi ezimnandi. Inye nje kuphela into ababenakho ukuyenza, kukusezela elo vumba limnandi liphuma kwiifestile zevenkile yokubhaka. Wathi akubaqaphela aba bantu basezela ivumba kufuphi nevenkile yakhe yokubhaka uMnumzana Shabangu, oku kwamcaphukisa. 'Kutheni basezela ivumba lam elimnandi,' utshilo. 'Ngamavumba neziqholo ZAM ezo. Ukuba abantu bafuna ukuweva amavumba am amnandi, kufuneka bawahlawulele.' Wagqwashimla wakhefuzela waphindela esitovini ukuze abhakele abathengi nabaxumi bakhe besidlo sasemini isonka sabo.

Ixhegwazana elithile elinguMaShange, lalilithanda kakhulu ivumba levenkile yokubhaka. UMaShange wayelala kwisitulo esisepakini rhoqo ebusuku. Kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, kukho umntu olungileyo okhe wamnika imali yokuya kuthenga iqebengwana elinesinamoni. Walithatha elo qebengwana waya nalo epakini waze walitya ngokucothayo, emunca imilebe kwaye esabelana neentaka ngengququ eyintsalela. Emva koko, le nkosikazi eyayingenayo nesenti emdaka yokuthenga elinye iqebengwana, yayidlula ithe chu ngakwivenkile yokubhaka kaMnumzana Shabangu rhoqo ngentseni, isezele emoyeni, incumele elo vumba livuzisa izinkcwe.

Lo mkhwa mtsha kaMaShange wamcaphukisa kakhulu umbhaki. Ngokuya zihamba iintsuku, waya esibanomso ngakumbi sesi senzo. Ekugqibeleni, ngenye intsasa yobusika eyayibanda kunene, umbhaki eziva ekwisimo esimandundu mpela, waphuma egqabadula kwivenkile yakhe yokubhaka waliithi hlasi ngengalo ixhegwazana. 'Kutheni usiba ivumba lam nje!' umgrwangxule ngelitshoyo. 'Akunto yanto ngaphandle kokuba lisela lamavumba!'

Ucinga ukuba uMnu Shabangu angakwazi ukumnqanda uMaShange ekonwabeleni amavumba amnandi? Fumana impendulo kwiveki elandelayo!

Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Ungambona njani umntwana wakho ukuba ufunda banzi ngeencwadi nokufunda
- Iimbilasane zamabali: Iqela elifundayo iBrain Feed Reading Club
- Incwadana: *Ukukh...ukukhu... ukukhutywa!*
- Isigaba sokugqibela sebali elifundwa ngokuvakalayo, *Isela lamavumba*

Ufuna abanye oovimba? UNal'ibali ukho ukuze akuncede! Ndwendwela icandelo loovimba bethu kule dilesi: www.nalibali.org ukuze ufumane iiphosta, izalathisi zeencwadi, iitsheklisti namacwecwe ezikhokelo! Unakho nokusifumana kuFacebook kule dilesi: www.facebook.com/nalibaliSA





A good plan is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. All the readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website www.cup.co.za.

Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za



CAMBRIDGE
UNIVERSITY PRESS
www.cup.co.za

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org



INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-www.nalibali.org



Drive your
imagination

CAMBRIDGE


A good plan Icebo elilungileyo



Kerry Saadien-Raad • Sandy Lightley



Some friends had a big, big idea.
They talked and talked about the idea until
they were ready.



Abanye abahlobo babenombono, omkhulu
kakhulu. Bathetha, bathetha ngalo mbono
bade babe balungile.

The friends drew a picture of a plan.
They couldn't wait to start. Each of them
had a job to do.



Abahlobo bazoba umfanekiso wombono
wabo. Babengasakwazi ukulinda
ukuze baqale. Umntu ngamnye kubo
wayenomsebenzi aza kuwenza.

"Uncle Bill, I need some wood and this much rope," said Jarrid.

"Yes, I can give them to you. What are you planning to do?" asked Uncle Bill.

"Aah, wait and see," said Jarrid.



"Malum' uBill, ndicela ukhuni nentambo engaka," watsho uJarrid.


"Ewe, ndingakunika. Uzimisele ukwenza ntoni?" wabuza uMalume uBill.

"Hayi-i, linda ubone," watsho uJarrid.

"Dad, I need some tools and a handful of nails," said Mali.

"Yes, I can lend them to you. What are you planning to do?" asked Dad.

"Aah, wait and see," said Mali.



"Tata, ndicela izixhobo ezithile nezikhonkwane ezingangesandla," watsho uMali.

"Ewe, ndingakuboleka. Uzimisele ukwenza ntoni?" wabuza uTata.

"Hayi-i, linda ubone," utshilo uMali.

"Meg, I need to use some material and a pair of scissors. I also need paints and brushes," said Sophie.

"Yes, I can give them to you. What are you planning to do?" asked Meg.

"Aah, wait and see," said Sophie.



"Meg, ndicela ukusebenzisa ilaphu elithile kunye nesikere. Ndicela iipeyinti neebhrashi," utshilo uSophie.

"Ewe, ndingakunika. Uzimisele ukwenza ntoni?" wabuza uMeg.

"Hayi-i, linda ubone," watsho uSophie.

"Ma, I need to take some bread, fruit and drinks," said Zeb.

"Yes, of course you can take them. What are you planning to do?" asked Ma.

"Aah, wait and see," said Zeb.



"Mama, ndicela isonka, iziqhamo nesiselo," utshilo uZeb.

"Ewe, ngokuqinisekileyo ungazithatha. Uzimisele ukwenza ntoni?" wabuza uMama.


"Hayi-i, linda ubone," watsho uZeb.

So the friends worked and worked.
Sophie cut the material. Zeb made the
sandwiches. Jarrid tied the rope. Mali
hammered the nails.



Abahlobo basebenza, basebenza.
USophie wasika izinto awayeza
kuzisebenzisa. UZeb wenza
amaqebengwana. UJarrid wabopha
intambo. UMali wabethelela
izikhonkwane.

But, oh no! What went wrong?



Kodwa, owu hayi! Yintoni
engahambanga ngendlela?

So the friends talked again.
"Let's see if we can make a better plan,"
said Jarrid.
They made a list of all the things they
needed.



Abahlobo bathetha kwakhona.
"Masijonge ukuba asinakwenza icebo
elingcono na," watsho uJarrid.
Benza uluhlu lwezinto ababezifuna.

Then they measured and sawed. They
sawed and tied. They tied and hammered.



Benza imilinganiselo basarha. Basarha
babopha. Babopha babethelela.

They measured and cut.
They cut and sewed.



Benza imilinganiselo basika.
Basika bathunga.

They mixed and poured.
They poured and spread.



Baxuba bagalela.
Bagalela baqaba isonka.

The friends worked and worked until...



Abahlobo basebenza, basebenza kwade...

...oh wow! Look at it now!
What a good plan!



...Whawu! Khawulijonge ke ngoku!
Icebo elilunge kangaka!